



Inombolo yefayili: 20/3/P

Isalathiso: 20231117-9983

INGcaciso eMfutshane yoLawulo lweeMviwo: 0013/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**ISihloko: Imigaqo yolawulo lwePhepha 2 loMculo (Music Paper 2 (P2)) (Comprehension) kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zango-Oktobha/Novemba 2023**

1. Uviwo lwe-Music P2 (Comprehension) luya kubhalwa **nge-04 Disemba 2023**. Amaphepha emibuzo aya kuthunyelwa kwiveki ye-30 Novemba 2023 yaye aya kuhamba ne-music compact disc (CD) equlethe ii-tracks ezahlukeneyo.
2. I-CD yomculo iya kupakishwa ngokwahlukeneyo kwiphepha lemibuzo ngaphakathi kwimvulophu enesikhuselo (padded envelope) yaye emva koko ipakishwe ngaphakathi kwiibhokisi zekhadibhodi ezibrawuni eziqulethe iingxowa ezizii-black canvas bags.
3. Ibhokisi zekhadibhodi ezibrawuni mazivulwe ngokukhawuleza zakufunyanwa kwi-ofisi yenqununu/yomgadi wabaviwa oyintloko, ekwindawo enqatyisiweyo, ukwenzela ukungqinisiswa komthwalo.
4. Iingxowa ezizii-black canvas bags zeseshoni, eziqulethe amaphepha emibuzo, ezihamba nemvulophu enesikhuselo, mazigcinwe ke ngoko ngokukhawuleza kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo.
5. Yakuba ifunyenwe i-CD yomculo, mayivavanywe phambi koviwo lwe-**04 Disemba 2023**. Utitshala wesifundo soMculo makayivavanye i-CD yomculo, kwisixhobo somculo (sound equipment) esiya kusetyenziswa ngethuba loviwo kukho umgadi wabaviwa oyintloko. I-track nganye mayivavanywe. Ukuba i-CD yomculo inesiphene, **kucelwa udibane noNks B Calvert ngokukhawuleza apha 021 467 2994**.

6. **Ngosuku loviwo**, le migaqo yolawulo loviwo lo-Music P2 ilandelayo mayilandelwe ngokungqongqo:
  - 6.1 I-CD yomculo ne-CD *player* mazivavanywe kwakhona. Olu vavanyo malwenziwe kwiyure phambi kokuba kuqale uviwo. Kucelwa uqinisekise ukuba utitshala, oya kusebenzisa i-CD *player*, uyayazi indlela esetyenziswa ngayo.
  - 6.2 Iphepha lemibuzo linika imiyalelo ecacileyo yokuba **mazidlalwe kangaphi na ii-tracks** kwaye akukho kunxaxha kuya kuvunyelwa. Abaviwa abasayi kucela ukuba ii-tracks maziphindwe ngaphezulu kwamaxesha amiselweyo.
  - 6.3 Bonke abaviwa mabahlale kwigumbi loviwo ngexesha elimiselwe uviwo, kungakhathaliseki nokuba balugqibe uviwo phambi kokuphela kwexesha.
  - 6.4 Uviwo malughutywe phantsi kolawulo lomgadi wabaviwa oyintloko.
7. Kufuneka kusetyenziswe izicwangciso zokuqulela okungekehli xa kuqhutywa uviwo apho kunokubakho iziphazamiso zokucima kombane obekucwangcisiwe nokubengacwangciswa.
8. Kwimeko yaso nasiphi na isehlo esinokwenzeka, isikolo kufuneka siphumeze imigaqo efanelekileyo ukuqinisekisa ukuba bonke abaviwa bayalugqiba uviwo ngolo suku.
9. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kutitshala/kootitshala bomculo nakumgadi wabaviwa oyintloko ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**

**UMHLA:** 2023-11-24